URhulumente
weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*FET*

Isalathiso: 20200128-3670
Inombolo yefayili: 12/2/13/5
Imibuzo: KuBalawuli beZithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0001/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

**Isihloko: Ukusiwa kweencwadana u-*Tips for Success* kubaviwa baka-2020 beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lilungise incwadana u-*Tips for Success* ukulungiselela umviwa ngamnye waseNtshona Koloni ka-2020 weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) nokubanceda kumalungiselelo eemviwo zabo. Le ncwadana inika iingcebiso ngokufunda, iingcebiso ngeemviwo, iinkcukacha ngeebhasari, inkcazo ngokuqulethwe zizo zonke izifundo, iikhowudi ii-*quick response (QR) codes* zazo zonke ii-*telematics videos* nenye ingcaciso eluncedo.

2. Le ncwadana mayinikwe umviwa ngamnye weBakala 12 kwikota yokuqala ka-2020.

3. Ukongeza kwiincwadana eziya kubafundi, kuya kufakwa iincwadi ezongezelelweyo kwisikolo ngasinye **kutitshala ngamnye weBakala 12**. Ezi ncwadana ziya kusiwa ngamagosa ezithili kuzo zonke izikolo eziphakamileyo ungadlulanga owe-31 Januwari 2020.

4. Ukuba kuthe kanti inani leencwadana ezisiwe esikolweni alichanekanga, kucelwa uqhagamshelane ne-ofisi yesithili sakho. Iincwadana ezingaphezu kwemfuneko mazibuyiselwe kwi-ofisi yesithili.

5. Ukwenzela ukuba ezi ncwadana zibe nesiphumo esinqwenelekayo ekuncediseni abaviwa kumalungiselelo eemviwo zabo, **kucetyiswa ngamandla ukuba ootitshala mabaxoxe ngokuqulethwe yile ncwadana neeklasi zabo zeBakala 12** yaye bakhuthazwe abaviwa ukuba bayifunde.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2630 Fax: +27 21 467 2258
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

6. Amaphepha emibuzo eemviwo ze*NSC* ezidlulileyo neememorandam zokumakisha zingafumaneka apha https://wcedonline.westerncape.gov.za/documents/Matric/matric-n/index.html

7. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2020-01-28